



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2018

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama -5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/ itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl.) uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
- ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama- 340–390.

- 1.1 Ndaziva ndifile ziintloni [50]
- 1.2 Iimpazamo ozenzayo ebomini azinyamalali kuphele. [50]
- 1.3 Ukuthanda imali kunefuthe kwisidima sakho. [50]
- 1.4 Ilanga alitshoni lingaphumi. [50]
- 1.5 Indlela abantu abakuphatha ngayo bayikha kwalapha kuwe. [50]
- 1.6 Ubomi obunokuphilwa luluntu xa kunokuhlonitshwa abantu abaneziphako [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa] [50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com waza wahlelwa] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100 — 120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomntu omaziyo eza kufundwa emngcwabeni wakhe. [25]

2.2 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini ngobungozi bokuthemba abantu ongabaziyo. [25]

2.3 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso eniyicebayo apho niza kuthatha izigqibo ngemali yestokfela senu ebeniyityalile kunye nekamva laso. [25]

2.4 INGXOXO

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho netshomi yakho malunga nobuhlobo benu. [25]

2.5 INGXELO

Bhala ingxelo ngengozi emasikizi oyibone isenzeka. [25]

2.6 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Bhalela umhloli wesikolo sakho ileta ukhalazele ukunqunyanyiswa kwenkonzo yokutyisa abafundi kwisikolo senu. [25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100